"Niya kundifuna, nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke."

UNGAMAZI KANJANI UTHIXO NA

Bible in IsiXhosa 1859/1975 © Bible Society of South Africa 1859, 1975. Digital version © Bible Society of South Africa 2012. Used with permission. All rights reserved. www.biblesociety.co.za

The Bible Society of South Africa hereby declares that the opinions, views and theological positions in the additional material in this publication do not necessarily reflect those of the Bible Society of South Africa. The Bible Society of South Africa does not endorse the use of Bible text in any manner or on any platform that may potentially be deemed anti-Christian in nature, or that promotes illegal/unlawful activity.

MNYE KUPHELA UTHIXO OYINYANISO

... Uze umthande uYehova Nding uThixo wakho ngentliziyo yakho lam; a yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke. —IDuteronomi 6:4, 5

Ngokuba utsho uYehova, u-Mdali wezulu (nguye uThixo), uMenzi wehlabathi, uMseki walo, yena walizinzisayo (akalidalelanga ukuba kube senyanyeni, walibumba ukuba limiwe), ukuthi, NdinguYehova, akukho wumbi.

-UIsaya 45:18

Ukuze zazi zonke izizwe zomhlaba, ukuba uYehova nguye uThixo, akukho wumbi. —OoKumkani I 8:60 NdinguYehova, lilo elo igama lam; andiluniki omnye uzuko lwam, nendumiso yam andiyiniki imifanekiso eqingqiweyo.

–UIsaya 42:8

Ningamangqina am, utsho uYehova, ... ukuze nazi, nikholwe ndim, niqonde ukuba ndim; phambi kwam akubunjwanga thixo, nasemva kwam akuyi kubakho namnye. Mna ke, mna ndinguYehova, akukho msindisi ingendim. —UIsaya 43:10, 11

Bhekani kum, nisindiswe, nonke ziphelo zehlabathi; ngokuba ndinguThixo, akukho wumbi.

-UIsaya 45:22

UTHIXO UNENCEBA NOBABALO

Unemfesane enobabalo uYehova, uzeka kade umsindo, mkhulu ngenceba. Ngokuba injengokuphakama kwezulu phezu komhlaba, ukuba namandla, inceba yakhe kwabamoyikayo.

–INdumiso 103:8, 11

Ke yona inceba ka Yehova ikwabamoyikayo, kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni,... Kwabazikhumbulayo iziyalezo zakhe ukuba bazenze.

-INdumiso 103:17, 18

Ngubani na onguThixo onjengawe, oxolela ubugwenxa,... kuba yena uthanda ukwenza inceba. —UMika 7:18

Kungeenceba zikaYehova le nto

singagqityelwanga, ngokuba azipheli iimfesane zakhe.

-IziLilo 3:22

Ngokuba naxa imhlisele usizi, noko yoba nemfesane ngokobuninzi benceba yayo. —IziLilo 3:32

Kowenceba ùzenza owenceba –INdumiso 18:25

Bulelani kuYehova ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe. —IziKronike I 16:34

...ngokuba ndandisazi ukuba ùnguThixo obabalayo, onemfesane, ozeka kade umsindo, onenceba enkulu, ozohlwayayo ngenxa yobubi. —UYona 4:2

2

UTHIXO UYAKUTHANDA

UYehova ubonakele kum kwakude, wathi, Ndikuthandile ngothando olungunaphakade; ngenxa yoko ndikolúlele inceba.

-UYeremiya 31:3

Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova: iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininikè ikamva nethemba. —UYeremiya 29:11

Uthi uYehova, Ndinithandile; ke nina nithi — UMalaki 1:2

Kunjengokusikwa yimfesane koyise kubantwana, ukusikwa yimfesane kuka Yehova kwabamoyikayo. —INdumiso 103:13

Yabona, baba lusindiso kum

ubukrakra obukhulu. Wena ke ngokundithanda, wawurhola umphefumlo wam esihogweni sokonakala; ngokuba izono zam uzilahlile emva komhlana wakho.

-UIsaya 38:17

3

Sikwazile thina, sakholwa kukusithanda kukaThixo.... Thina siyamthanda, ngokuba yena wasithanda kuqala.

-KaYohane I 4:16, 19

UYehova uThixo wakho uphakathi kwakho, ligorha elisindisayo; únemihlali ngawe, enovuyo; úthe cwaka eluthandweni lwakhe, ugcoba ngawe ememelela.

-UZefaniya 3:17

4 UKUMAZI UTHIXO YEYONANTO INKULU EBOMINI

... ke bona abantu abamaziyo uThixo wabo babambelele kuwo, bafeze. —UDaniyeli 11:32

Oqhayisayo makaqhayise ngale nto yokuba endiqiqa, endazi mna ukuba ndinguYehova, owenza inceba, nesiko, nobulungisa, ehlabathini; ngokuba ndinanzé ezo zinto; utsho uYehova.

—UYeremiya 9:24

Hayi, uyolo lwababambe izingqiniso zakhe, abamquqelayo ngentliziyo epheleleyo!

-INdumiso 119:2

... ndibeké phambi kwenu ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso. Nyula ke ubomi, ukuze uphile, wena nembewu yakho; ukuba umthande uYehova uThixo wakho, uliphulaphule ilizwi lakhe, unamathele kuye: ngokuba bubomi bakho, nokolulwa kweemini zakho.... —IDuteronomi 30:19, 20

Ngokuba ndinonelele uthando, andinonelele mbingelelo; ndinonelele ukwazi uThixo, ngaphezu kwamadini anyukayo.

-UHoseya 6:6

Njengexhama elitsalela emifuleni yamanzi, wenjenjalo ukutsalela kuwe, Thixo, umphefumlo wam. —INdumiso 42:1

Wathi, Ubuso bam bohamba nawe, ndikunike ukuphumla.

-IEksodus 33:14

UKUPHILA NGAPHANDLE KOTHIXO KUYINGOZI 5

... uYehova unáni ekubeni ninaye; ukuba nithe namquqela, nomfumana; ukuba nithe namshiya, wonishiya nani.

-IziKronike II 15:2

Intliziyo inenkohliso ngaphezu kweento zonke, isisifo esibi; ngubani na onokuyazi?

-UYeremiya 17:9

Kukho indlela ethe tye phambi komntu, ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa.

-ImiZekeliso 16:25

Kuba, xa uThixo angaziconganga izithunywa zezulu ezonayo, wesuka wathi, ezikhahlele enzonzobileni, wazinikela emixokelelwaneni yesithokothoko, zigcinelwe umgwebo; iyakwazi iNkosi ukubahlangula ekuhendweni abahlonela uThixo; ke abangemalungisa ibagcinele imini yomgwebo, ukuba babethwe.

-KaPetros II 2:4, 9

Ke ukuba anithanga niliphulaphule izwi likaYehova, ukuba nithe nawuphikisa umlomo kaYehova, isandla sika Yehova sonichasa.... —USamuweli I 12:15

Ukuba umntu uthe akahlala kum, ulahlelwa phandle njengesebe, ome; baze abantu bawabuthe, bawaphose emlilweni, atshiswe. —UYohane 15:6

6 UKUZE SIMAZI UTHIXO SIFANELE UKUMFUNA

Niya kundifuna, nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke; ndifumaneke kuni; utsho uYehova. —UYeremiya 29:13

Ukuba uthe wabufuna njengesilivere, Wabumba njengobutyebi obuselelweyo: Ùya kwandula ukukuqonda ukoyika uYehova, Ukufumane ukumazi uThixo.

-ImiZekeliso 2:4, 5

UYehova ulungile kwabathembele kuye, kumphefumlo omquqelayo. —IziLilo 3:25

Celani, nophiwa; funani, nofumana; nkqonkqozani, novulelwa. —UMateyu 7:7

Ke, lungekho ukholo, akunakubakho ukumkholisa kakuhle; kuba lowo uzayo kuThixo, umelwe kukukholwa ukuba ukho, nokuba ungumvuzi wabo bamfunayo. —KumaHebhere 11:6

Abandithandayo ndiyabathanda nam; Nabandifunayo kwakusasa bayandifumana.

-ImiZekeliso 8:17

Kanjalo wazenza ngagazi-nye zonke iintlanga zabantu, ... ukuze bayifune iNkosi, ukuba kambe bangáphuthaphutha bayifumane, nakuba ingekude kuthi sonke ngabanye. —IZenzo 17:26, 27

Ke mna bendiya kusingisa ku Thixo, indawo yam ndiyibhekise kuThixo. —UYobhi 5:8

UTHIXO UFUNA UKUBA SIZE KUYE

... unemfesane uYehova u-Thixo wenu; akayi kubufihla kuni ubuso bakhe, ukuba nithe nabuyela kuye. —IziKronike II 30:9

Ngokuba ùlungile wena, Nkosi yam, uxolela; umkhulu ngenceba kubo bonke abakunqulayo.

-INdumiso 86:5

Sondelani kuye uThixo, wosondela kuni.... –EkaYakobi 4:8

Usondele uYehova kubo bonke abamnqulayo, kubo bonke abamnqulayo ngenyaniso.

-INdumiso 145:18

Khanize sibonisane, utsho uYehova; nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo ebomvu, zoba mhlophe njengekhephu; nokuba zide zayingqombela njengebala elibomvu, zovela zinjengoboya begusha. –UIsaya 1:18

Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndoninika ukuphumla. Thabathani idyokhwe yam niyithwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali, ndithobekile ngentliziyo; noyifumanela ukuphumla imiphefumlo yenu. —UMateyu 11:28, 29

... nozayo kum, andisayi kukha ndimlahlele phandle.

-UYohane 6:37

Wenani! Nonke nina ninxaniweyo, yizani emanzini, nabangenamali; yizani, thengani nidle —UIsaya 55:1

UTHIXO UNGCWELE

Ngubani na onjengawe phakathi koothixo, Yehova?...wena uvethe ubungcwele?...

-IEksodus 15:11

Akukho uyingcwele njengo Yehova; Ngokuba akukho namnye ngaphandle kwakho....

-USamuweli I 2:2

... Makube lee kuThixo ukuba ngongendawo; KuSomandla, ukuba abe nobugqwetha.

-UYobhi 34:10

Úyingcwele, ùyingcwele, ùyingcwele uYehova wemikhosi; buzalise ihlabathi lonke ubuqaqawuli bakhe. —UIsaya 6:3

Ngokuba utsho ophezulu, owongamileyo, ohleli ngonaphakade, ogama linguNgcwele, ukuthi, Ndihleli phezulu, engcweleni.... —UIsaya 57:15

Úlilungisa uYehova ngeendlela zakhe zonke, unenceba ngezenzo zakhe zonke. —INdumiso 145:17

... Akukho ulungileyo, mnye kwaphela—nguThixo.

-UMarko 10:18

Ngubani na ongekhe akoyike wena, Nkosi, Angalizukisi igama lakho? Ngokuba inguwe wedwa ongcwele. —IsiTyhilelo 15:4

... Ingcwele, ingcwele, ingcwele INkosi uThixo uSomandla, Leyo yayikho, ikhoyo, izayo.

—IsiTyhilelo 4:8

8

ABANTU BAKATHIXO BAFANELE UKUPHILA 9 IMPILO ENGCWELE

Wena uyakholwa ukuba uThixo mnye; uyatyapha; nazo iidemon ziyakholwa, zibe namanwele. Ùyathanda na ke ukwazi, mntundini ungento, ukuba ukholo olu, ingekho imisebenzi, lufile?

-EkaYakobi 2:19, 20

Lowo uthi, Ndimazile, abe engayigcini imithetho yakhe, ulixoki, kulowo ayikho inyaniso. Babonakala ngaloo nto abantwana baka-Thixo, nabantwana bakaMtyholi. Bonke abangenzi bulungisa àbangabakaThixo, nalowo ungamthandiyo umzalwana wakhe.

-KaYohane I 2:4; 3:10

Ilisikizi kuYehova indlela yongendawo; Ke ophuthuma ubulungisa uyathandwa nguye.

-ImiZekeliso 15:9

Phuthumani uxolo nabo bonke, nobungcwele, ekungekho namnye uya kuyibona iNkosi, engenabo. —KumaHebhere 12:14

Nithi ke, ngokokwalowo ungcwele wanibizayo, nibe ngcwele nani ngokwenu kuyo yonke ihambo. —KaPetros I 1:15

Funani okulungileyo, ningafuni okubi, ukuze niphile; aze uYehova, uThixo wemikhosi, abe nani, njengoko nitshoyo. —UAmosi 5:14

IZINTO AZIYALELAYO UTHIXO

... akubizayo uYehova kuwe, kukuthi wenze okusesikweni, uthande inceba, uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo.

10

-UMika 6:8

... Yibani ngcwele; kuba ndiyi-Ngcwele mna, Yehova, uThixo wenu. —ILevitikus 19:2

... Ùze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela, nangengqondo yakho iphela; nommelwane wakho, njengoko uzithanda ngako. —Uluka 10:27

Uyayazi imithetho: Musa ukukrexeza, musa ukubulala, musa ukuba, musa ukungqinela ubuxoki, musa ukulumkisa, beka uyihlo nonyoko. —UMarko 10:19

Kanjalo ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu —KwabaseRoma 12:2

Ize ingesuki incwadi yaló myalelo emlonyeni wakho; uze ucinge ngayo imini nobusuku, ukuze ugcine, ukwenze konke okubhaliweyo kuyo; ngokuba wòba nokuphumelela ngendlela yakho oko, ukwenze ngengqiqo oko.

–UYoshuwa 1:8

... Yibani nokukholwa kuThixo. —UMarko 11:22

IZINTO AZITHIYILEYO UTHIXO

babulali, nabenzi bombulo, naba khafuli, nabakhonzi bezithixo, nawo onke amaxoki, isabelo sawo siya kuba sedikeni elivutha umlilo nesulfure. Oko kukufa kwesibini. —IsiTyhilelo 21:8

... Wugcineni ngoko umoya wenu, ungamnginizeli umfazi wobutsha bakho; kuba ndikuthiyile ukwala. —UMalaki 2:15

Musani ukucinga okubi, elowo ngommelwane wakhe entliziyweni yakhe; ningathandi ukufunga ngobuxoki; ngokuba konke oko; koko ndikuthiyileyo; utsho uYehova. —UZekariya 8:17

Izinto ezintandathu uzithivile uYehova, ezisixhenxe zingamasikizi emphefumlweni wakhe: Ngamehlo aqwayingayo; lulwimi oluxokayo; Zizandla eziphalaza igazi elimsulwa: Yintlizivo evila iingcinga zobutshinga; Ziinyawo ezikhawulezayo ukugidimela ebubini; Lingqina elixokayo, elifutha amanga: Nongenisa ingxabano phakathi kwabangabazalwana.

-ImiZekeliso 6:16-19

Kuba mna, Yehova, ndithanda okusesikweni, ndikuthiyile ukuphanga ngokugqwetha....

-UIsaya 61:8

Ke wona amagwala, nabangakholwayo, nabangamasikizi, na-

12 ABANTU BAYASILELA KOKO UTHIXO AKUFUNAYO

Ndiyanazi nina, ukuba uthando lukaThixo aninalo ngaphakathi kwenu. —UYohane 5:42

Kuba yena oya kuwugcina umthetho uphela, akhubeke mthethweni mnye, unetyala layo yonke. —EkaYakobi 2:10

Ndathi, Athi ke mna! Ngokuba ndithe shwaka, ngokuba ndiyindoda emlomo uyinqambi; ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyinqambi; ngokuba amehlo am aboné ukumkani, uYehova wemikhosi. —UIsaya 6:5

Ngoko kowaziyo ukwenza okuhle, angakwenzi, kulowo kusisono. —EkaYakobi 4:17 Njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Akukho lungisa, hayi, nalinye. —KwabaseRoma 3:10

Kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lukaThixo.

-KwabaseRoma 3:23

...Bonke abangenzi bulungisa àbangabakaThixo, nalowo ungamthandiyo umzalwana wakhe. —KaYohane I 3:10

Thina zonke salahleka njengeegusha, sabheka elowo endleleni yakhe.... —UIsaya 53:6

... Ngubani na onako ukuma phambi koYehova, lo Thixo uyingcwele?.... –USamuweli I 6:20

IMISEBENZI YETHU AYINAKHO UKUMKHOLISA UTHIXO

Kuba ndiyabangqinela ukuba banokumzondelela uThixo, koko bengamzondeleli ngokokwazi okukuko. Kuba bathe, bengàbazi ubulungisa bukaThixo, befuna nokumisa obabo ubulungisa, ababululamela ubulungisa bukaThixo.

-KwabaseRoma 10:2, 3

Ke sisuke saba njengoyinqambi sonke siphela, yanjengengubo enomzí yonke imisebenzi yethu yobulungisa.... —UIsaya 64:6

Ndákuthi kwilungisa, inene, lophila; lize ke likholose ngobulungisa balo, lenzè ngobugqwetha: bonke ubulungisa balo abuyi kukhunjulwa; lofa ngobugqwetha balo elibenzileyo.

-UHezekile 33:13

13

Abo ke bakwinyama, abanakumkholisa uThixo.

-KwabaseRoma 8:8

Ngokokuba, ngokwasemisebenzini yomthetho, akuyi kugwetyelwa nyama emehlweni akhe.... —KwabaseRoma 3:20

Ukutsho andithi, sikulingene ngokwethu ukucamanga nto engathi iphuma kuthi ngokwethu; ukukulingana kwethu oko kuphuma kuThixo. —KwabaseKorinte II 3:5

14 ISONO SISAHLUKANISA NOTHIXO

Ngenxa yoko, njengokuba isono sangena ngamntu mnye ehlabathini, kwangena ke ukufa ngaso isono; kwaza ngokunjalo ukufa kwabatyhutyha abantu bonke, ekubeni bonke bonayo.

-KwabaseRoma 5:12

Bubugwenxa benu obunahlukanisileyo noThixo wenu, zizono zenu ezibusithelisileyo ubuso bakhe kuni, ukuba angevi. —UIsaya 59:2

... Utsho uThixo ukuthi, Yini na ukuba niyigqithe imithetho ka-Yehova, nize ningabi nampumelelo? Ngokuba nimshiyile uYehova, wonishiya nani.

-IziKronike II 24:20

Ngokuba ukuba neenkani kusisono esinjengokuvumisa, ubungqola bunjengenkonzo yezithixo nemilondekhaya. Ngenxa yokuba ulicekisile ilizwi lika Yehova, naye ukucekisile ukuba....

-USamuweli I 15:23

Ithi inkanuko, yakuba ithabathile, izale isono; sithi ke isono, sakuba sikhulelwe, sizale ukufa.

-EkaYakobi 1:15

Umphefumlo owonayo, kuya kufa wona wodwa....

-UHezekile 18:20

Ubulungisa obububo busingisa ebomini; ophuthuma ububi usingisa ekuzibulaleni kwakhe.

-ImiZekeliso 11:19

INGQUMBO KATHIXO IPHEZU KWESONO 15

UThixo ngumgwebi olilungisa; ÚnguThixo obhavuma yonke imihla. —INdumiso 7:11

UYehova uzeka kade umsindo, mkhulu ke ngamandla, ongakhe amenze msulwa onetyala.... —UNahum 1:3

Eza ngenxa yezo zinto ingqumbo kaThixo phezu kwabangevayo. —KwabaseKolose 3:6

Kuba ityhilekile ingqumbo ka-Thixo ivela emazulwini, ichase konke ukungahloneli Thixo, nentswela-bulungisa yabantu, abayithintelayo inyaniso ngokuswela ukulungisa. —KwabaseRoma 1:18

Bezele vivo vonke intswelabulungisa, okungendawo, ukubawa. ulunya; bezele ngumona, kukubulala, ziinkani, yinkohliso, bubumenemene: ábasebezi, ábahlebi, abathiyekileyo kuThixo, abasileyo, abanekratshi, abaghankgalazi, abacebi bezinto ezimbi, abangàbevayo abazali, abangenakuqonda, abaphuli beminqophiso, abangenabubele, abangenatarhu, abangenanceba: bona bathi, besazi kakuhle isimiselo sikaThixo, sokuba abo bazenzavo izinto ezinjalo bafanelwe kukufa, banganeli kukuzenza, basuka bathakazelele nabò bazenzayo. -KwabaseRoma 1:29-32

UMGWEBO UYEZA

Ke kwanjengokuba ke abantu bemiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo. —KumaHebhere 9:27

Ndababona abafileyo, abancinane nabakhulu, bemi phambi ko-Thixo. Zavulwa iincwadi; kwavulwa nenye incwadi, eyeyobomi; bagwetywa abafileyo ngokubhaliweyo ezincwadini ezo, ngokwemisebenzi yabo. Wathi ongafunyanwanga ebhaliwe encwadini yobomi, waphoswa edikeni lomlilo.

-IsiTyhilelo 20:12, 15

Kuyoyikeka ke ukweyela ezandleni zoThixo ophilileyo. —KumaHebhere 10:31 Ndithi ke kuni, Onke amazwi angewani abathe bawathetha abantu, baya kuphendula ngawo ngomhla womgwebo.

-UMateyu 12:36

Ngokuba izenzo zonke uThixo uya kuzizisa ekugwetyweni, izinto zonke ezifihlakeleyo, nokuba zilungile nokuba zimbi.

—INtshumayeli 12:14

Kuya kuba njalo ekuphelisweni kwephakade eli: ziya kuphuma izithunywa zezulu, zibakhethe abangendawo phakathi kwamalungisa, zibaphose ezikweni lomlilo; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

—UMateyu 13:49, 50

16

ASINAKHO UKUMZIMELA UTHIXO

Asezindaweni zonke amehlo ka-Yehova, ebonisela abanobubi nabalungileyo. —ImiZekeliso 15:3

Kumongameli; ekaDavide. Umhobe. Yehova, ùndigocagocile, wandazi. Wena uyakwazi ukuhlala kwam nokusuka kwam; uyaziqonda izicamango zam nakude. Ukuhamba kwam nokulala kwam, ùyakwela; Uqhelene neendlela zam zonke. Ngokuba akukho lizwi elulwimini lwam Ongalaziyo ke, Yehova, kanye. —INdumiso 139:1-4

... Andikhangeli njengokukhangela komntu; ngokuba umntu ukhangela umphandle, uYehova ukhangela intliziyo.

–USamuweli I 16:7

Omilisele indlebe, akayi kuva na? Obumbe iliso, akayi kukhangela na? —INdumiso 94:9

Ngokuba amehlo am akuzo zonke iindlela zabo, àzisithele kum; àbufihlakèle ubugwenxa babo phambi kwamehlo am.

–UYeremiya 16:17

17

Kanjalo akukho sidalwa singabonakaliyo emehlweni akhe; izinto zonke ke zizé, zityhilekile, emehlweni alowo esinokuthana ni naye. —KumaHebhere 4:13

Yena utyhila izinto ezinzulu nezisitheleyo; uyakwazi okusebumnyameni, ukukhanya kuhleli kuye. —UDaniyeli 2:22

18 UKUGUQUKA KWISONO KUYIMFUNEKO

Kumnandi na kanene kum ukufa kongendawo? Itsho iNkosi u-Yehova. Okumnandi kum asikuko na ukuthi abuye ezindleleni zakhe, aphile? —UHezekile 18:23

Ndithi kuni, Hayi; nòthi xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwangokunjalo nonke.

—ULuka 13:3

Osigubungelayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo; ke yena osivumayo, asishiye, uya kufumana inceba. —ImiZekeliso 28:13

Nangoku ke, utsho uYehova ukuthi, Buyelani kum ngentliziyo yenu yonke, nangokuzila, nango kulila, nangokumbambazela; nikrazule intliziyo yenu, ingabi ziingubo zenu, nibuyele kuYehova uThixo wenu; kuba unobabalo nemfesane, yena uzeka kade umsindo, unenceba enkulu....

-UYoweli 2:12, 13

Thabathani niphathe amazwi, nibuyele kuYehova; yithini kuye, Sixolele bonke ubugwenxa, wamkèle izinto zethu ezilungileyo, ukuze sinikele iinkunzi zeenkomo ezintsha.... – UHoseya 14:2

Lo úvuma ebantwini, athi, bendonile, ndakúgwenxa okuthe tye,... Úwukhulúle umphefumlo wam, ukuba ungagqitheli esihogweni, nobomi bam bókubona ukukhanya. —UYobhi 33:27, 28

INGUQUKO IZISA UXOLELO

Funani uYehova esenokufunyanwa; mbizeni esekufuphi. Ongendawo makashiye indlela yakhe, indoda enobutshinga mayishiye iingcinga zayo, ibuyele kuYehova: woba nemfesane kuyo; ibuyele ku-Thixo wethu ngokuba woxolela ngokukhulu. —UIsaya 55:6, 7

Ùsondele uYehova kwabantliziyo zaphukileyo, àbasindise abamoya utyumkileyo.

-INdumiso 34:18

... ingábuphulaphula bonke ububi endicinga ukubenza kubo, ukuze babuye elowo endleleni yakhe embi, ndibuxolele ubugwenxa babo nesono sabo.

—UYeremiya 36:3

Ndikwazisile isono sam, ubugwenxa bam andabugquma; Ndathi, Ndoluvuma ukreqo lwam ku-Yehova; wabuxolela ke wena ubugwenxa besono sam.

-INdumiso 32:5

Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile, ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. —KaYohane I 1:9

Guqukani ke ngoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu —IZenzo 3:19

Ukuguquka kutsho ukusifulathela isono nokusivuma kuThixo. 20

KWAFUNEKA IDINI UKUZE SIXOLELANISWE NOTHIXO

(Isono sezisa ukwahlukana, iphepha 14.)

Wocinezela ngesandla sakhe phezu kwentloko yedini elo linyukayo, limkholekise, limcamagushele. Kuba umphefumlo wenyama usegazini wona. Mna ndaninika lona esibingelelweni, ukuba kucanyagushelwe imiphefumlo yenu; kuba igazi eli licamagusha ngomphefumlo.

—ILevitikus 1:4; 17:11

Kananjalo ngokomthetho ndingáde ndithi, zonke izinto ziphantse ukuba zihlanjululwe ngegazi; kungaphalalanga gazi, akubikho kuxolelwa. —KumaHebhere 9:22

Ixhwane lenu malibe liduna eli-

gqibeleleyo, elimnyaka mnyeIgazi elo loba ngumqondiso kuni ezindlwini enikuzo. Ndolibona igazi, ndigqithe kuni, singabikho kuni isibetho esonakalisayo.... —IEksodus 12:5, 13

Wathi uAbraham. UThixo wozibonela imvu yedini elinyukayo, nvana wam.... UAbraham waphakamisa amehlo akhe, wakhangela, nantso inkunzi vegusha ngasemva, ibambeke ngeempondo etvholweni: wava uAbraham. wayithabatha inkunzi vegusha. wavinyusa ukuba ibe lidini elinyukavo esikhundleni sonyana wakhe. —IGenesis 22:8, 13

UYESU YIMVANA ESIYILUNGISELELWE NGUTHIXO 21

Ngengomso uYohane umbona uYesu esiza kuye, athi, Nantso iMvana kaThixo, ethwala isuse isono sehlabathi. —UYohane 1:29

... waza uYehova wamwela ngobugwenxa bethu sonke. Wakhandaniswa, wazithoba, engàwuvuli umlomo wakhe, njengemvana esiwa ekuxhelweni; nanjengegusha esisidenge phambi kwabachebi bayo, àkawuvula umlomo wakhe. — UIsaya 53:6, 7

Wangena kwaba kanye kweyona ngcwele, kungengalo negazi leebhokhwe nelamathole, kungegazi elilelakhe; wafumana inkululo engunaphakade ngokusihlawulela. Ngokunjalo uKristu, esondezwe kwaba kanye

–KumaHebhere 9:12, 28

Nisazi nje ukuba anihlawulelwanga nikhululwe ngazinto zinakonakala, oozisilivere noozigolide.... Kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengelemvana engenasiphako, engenabala.

—KaPetros I 1:18, 19

Lobeka phi na ukugqithisela lona igazi likaKristu, owazisondeza ngoMoya ongunaphakade, engenasiphako, kuye uThixo, ukusihlambulula isazela senu emisebenzini efileyo, ukuze nikhonze u-Thixo ophilileyo?

–KumaHebhere 9:14

22 UKUKHULULWA NGENTLAWULELO SIKULUNGISELWE NGUTHIXO KUPHELA

Begwetyelwe ngesisa lubabalo lwakhe ngako ukukhululwa ngentlawulelo ekuYesu Kristu; athe uThixo wammisa, ukuba abe sisicamagushelo ngegazi lakhe, ngako ukukholwa....

-KwabaseRoma 3:24, 25

Ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon' ukuba sisengaboni, u-Kristu asifele. Kokukhona sigwetyelwe nje ngegazi lakhe, siya kusindiswa ngaye kuyo ingqumbo. —KwabaseRoma 5:8, 9

Sisazi nje ukuba akagwetyelwa umntu ngokwasemisebenzini yomthetho, kuphela kungokukholwa kuYesu Kristu: sithe ke nathi aba sakholwa kuKristu Yesu —KumaGalati 2:16

Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni, kusisipho sikaThixo. —Kwabase-Efese 2:8

Bonke abaprofeti bayamngqinela yena lo, ukuba, ngegama lakhe, bamkeliswa uxolelo lwezono bonke abakholwayo kuye.

-IZenzo 10:43

Kananjalo usindiso alukho kuwumbi; kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu, linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo. —IZenzo 4:12

UKUZALWA KUKA YESU KUYAVAKALISWA 23

... isithunywa esinguGabriyeli sathunvelwa nguThixo emzini welaseGalili, ogama liyiNazarete, kwintombi, eganelwe indoda egama linguYosefu, vendlu ka-Davide; laye igama lentombi leyo linguMariya.... Sathi ke isithunywa kuye. Musa ukoyika, Mariva: kuba ubabalwe nguThixo. Uyabona, uya kuthabatha esizalweni, uzale unyana, umthiye igama elinguYESU. Yena uva kuba mkhulu, abizwe ngokuba nguNyana wOsenyangweni; ... nobukumkani bakhe bungabi nasiphelo. Wathi ke uMariva kuso isithunywa. Kuya kuthini na ukubakho oku, ndingazani nandoda nje? Saphendula isithunywa sathi kuye, UMoya oyiNgcwele uya kuza phezu kwakho, athi namandla Osenyangweni akusibekele; kungoko loo nto ingcwele izalwa nguwe iya kubizwa ngokuba nguNyana kaThixo....Ngokuba akukho nanye into eya kumngabela yena uThixo. Wathi ke uMariya, Nanko umkhonzazana weNkosi: makwenzeke kum ngokwelizwi lakho.

-ULuka 1:26-38

UAdam noKristu ngabo kuphela abantu abangena ehlabathini kungahlangananga ndoda namfazi. UAdam wezisa isono ehlabathini, kodwa yena u-Kristu wasoyisa isono.

24 UNGUBANI UYESU NGENENE NA?

Yena wàthi, esebumeni buka-Thixo, akathi ukulingana kwakhe oku noThixo kulixhoba; wathi ngemo efunyenwe enjengomntu, wazithoba, waba ngolulamileyo, wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemnqamlezweni.

-KwabaseFilipi 2:6, 8

Mna noBawo sibanye. Nitsho na nina ngaye lowo uYise wamngcwalisayo, wamthuma ehlabathini, ukuthi, Uyanyelisa; ngokuba ndithe, NdinguNyana ka-Thixo? —UYohane 10:30, 36

UYesu Kristu, ungulizwi ongunaphakade, wayekho kuwo onke amaphakade. Ngommangaliso, UThixo wenza ukuba amithwe esizalweni sikaMariya. Waziwa ngokuba nguNyana womntu ngokwenyama, ngokomoya waziwa ukuba nguNyana kaThixo. Izibhalo zisebenzisa igama elithi "Nyana" ukucacisa ubudlelwana obukhoyo phakathi ko-Thixo nelizwi lakhe uYesu Kristu.

Kungoko, akùngena ehlabathini, athi,...Ke ùndilungisele umzimba. —KumaHebhere 10:5

Owamiswayo ukuba unguNyana kaThixo, enamandla, ngokomoya wobungcwele, ngokuvuka kwabafileyo, uYesu Kristu ke, i-Nkosi yethu. —KwabaseRoma 1:4

Uphendule uTomas, wathi kuye, Nkosi yam, Thixo wam! —UYohane 20:28

UNGUBANI UYESU NGENENE NA? 25

Kananjalo, ngokuvunyiweyo, inkulu imfihlelo yona leyo yokuhlonela uThixo: lowo wabonakalaliswa esenyameni....

-KuTimoti I 3:16

Ngokuba kuhleli kuye konke ukuzaliseka kobuThixo ngokomzimba. —KwabaseKolose 2:9

Ngokuba sizalélwe umntwana, sinikwé unyana; ukuthethela kusesixhantini sakhe; igama lakhe kuthiwa nguMmangaliso, ngu-Mcebisi, nguThixo oligorha, ngu-Sonini-nanini, nguMthetheli woxolo. — UIsaya 9:6

Wathi kuwo uYesu,...Engekabikho uAbraham, mna ndikho kade. —UYohane 8:58 Kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu. Ube esehlabathini ke; ihla bathi labakho ngaye, ihlabathi alimazanga. —UYohane 1:4, 10

Kuba mnye uThixo; mnye nomlamli phakathi koThixo nabantu, umntu uKristu Yesu, lowo wazinikelayo ukuba abe yintlawulelo yokukhulula abantu bonke — — KuTimoti I 2:5, 6

Esinayo kuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa kwezono ke oko. Ungumfanekiselo kaThixo ongenakubonwa....

-KwabaseKolose 1:14, 15

26 IBHAYIBHILE (ISIBHALO) LILIZWI LIKATHIXO

Kuba akukhanga kubekho siprofeto ngokuthanda komntu; báthi abantu abangcwele bakaThixo bathetha beqhutywa nguMoya oyiNgcwele. —KaPetros II 1:21

Njengoko yathethayo ngomlomo wabangcwele, ababengabaprofeti bayo kwasephakadeni; Ukuze ubanike abantu bayo ukwaziwa kosindiso Ngoxolelo lwezono zabo. —ULuka 1:70, 77

Ukuthi, UMoya kaYehova uthetha ngam, ukukhuluma kwakhe kuselulwimini lwam.

-USamuweli II 23:2

Kuba izinto zonke ezabhalwayo ngenxa engaphambili, zaye zibhalelwa okwethu ukufundiswa, ukuze sithi ngalo unyamezelo novuselelo lwezibhalo sibe nalo ithemba. —KwabaseRoma 15:4

La mazwi ndikuwisela umthetho ngawo namhlanje, aze abe sentliziyweni yakho.

-IDuteronomi 6:6

Sonke isibhalo, siphefumlelwe nguThixo nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni.

-KuTimoti II 3:16

. . . Niyalahleka, kuba ningazazi izibhalo kwanamandla kaThixo. —UMateyu 22:29

...Kuba ulikhulisile ilizwi lakho ngaphezu kwegama lakho lonke. —INdumiso 138:2

UYESU ULILIZWI LIKATHIXO

Yena wayethiwe wambu ngengubo ethiwe nkxu egazini; igama lakhe kuthiwa nguLizwi likaThixo. —IsiTyhilelo 19:13

Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu.... —UYohane 1:1, 14

UYesu utyhila uThixo

Ngokuba nguThixo, yena wathi ukhanyiso malukhanye ebumnyameni, okhanyisele iintliziyo zethu, ukuze kukhanye ukwaziwa kobuqaqawuli bukaThixo ebusweni bukaYesu Kristu.

-KwabaseKorinte II 4:6

Akukho namnye wakha wambona uThixo; uNyana okuphela kwamzeleyo, lowo usesifubeni sikaYise, nguye ocacise oko.

-UYohane 1:18

UThixo uthetha ngoYesu

UThixo wayethethile nje kudala ngeendawo ezininzi, nangeendlela ezininzi, koobawo ngabo abaprofeti, uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana; awammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke.

-KumaHebhere 1:1, 2

Mna ndithetha endikubonileyo kuBawo.... —UYohane 8:38

28 UKUTHELEKISWA KWELIZWI ELIBHALIWEYO NELIPHILAYO

lBhayibhile ikukutya komphefumlo

... Ndiwabekile amazwi omlomo wakhe kunowam ummiselo. —UYobbi 23:12

... Akaphili ngasonka sodwa umntu, uphila ngamazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo.

-UMateyu 4:4

IBhayibhile ikhanyisa indlela yethu

Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho, likukukhanya emendweni wam. — IiNdumiso 119:105 Ukutyhila kwamazwi akho ku yakhanyisa, kuqondisa abazizidenge. — IiNdumiso 119:130

UYesu sisonka esivela eZulwini

Ndim isonka esiphilileyo, esi sehlayo emazulwini. Ukuba ubani uthe wasidla esi sonka, wodla ubomi ngonaphakade; ke isonka endiya kumnika sona mna, siyinyama yam, endiya kuyinikela ubomi behlabathi. Ndim isonka sobomi. —UYohane 6:51, 48

UYesu lukhanyiselo lwehlabathi

Wabuya ngoko uYesu wathetha kubo, esithi, Ndim ukhanyiselo lwehlabathi; lowo undilandelayo akasayi kuhamba ebumnyameni; yena uya kuba nalo ukhanyiso lobomi. —UYohane 8:12

IBhayibhile inika Ubomi obunesiqhamo

Yena unonelela umyalelo kaYehova; ucamanga ngomyalelo wakhe imini nobusuku: unjengomthi omiliselwe phezu kwemijelo yamanzi, onika isiqhamo sawo ngexesha lawo, ogqabi lawo lingabuniyo; konke akwenzayo kophumelela. —INdumiso 1:2, 3

UYesu Unika Ubomi 29 obuneziqhamo

Hlalani kum, mna ndihlale kuni.... Umdiliya ndim, nina ningamasebe; lowo uhleli kum, ndibe mna ndihleli kuye, yena uthwala isiqhamo esininzi; ngokuba, ningekum, aninakwenza nto.

-UYohane 15:4, 5

IZIBHALO ZINGQINA NGOYESU KRISTU

Ziphengululeni izibhalo, ngokuba nina niba ninobomi obungunaphakade kuzo....Kuba, ukuba benikholiwe nguMoses, ninge nikholiwe ndim; kuba yena wabhala ngam. —UYohane 5:39, 46 Uqalele ke kuMoses nakubo bonke abaprofeti, wabachazela kuzo zonke izibhalo iindawo ezingaye. —ULuka 24:27

30 ILIZWI ELINGUNAPHAKADE LIKATHIXO ALIGUQUKI

Lingunaphakade, Yehova, limi emazulwini ilizwi lakho. Isimbuku selizwi lakho siyinyaniso iphela, zingunaphakade zonke izigwebo zobulungisa bakho.

-INdumiso 119:89, 160

Buyoma utyani, iyabuna intyantyambo; ke lona ilizwi lika-Thixo wethu liya kuma ngonaphakade. —UIsaya 40:8

... Koda kudlule izulu nehlabathi, kungakhanga kudlule nalinye iganyana nokuba lisuntswana emthethweni, kude kwenzeke konke. —UMateyu 5:18

... sibe isibhalo singenakwaphulwa. —UYohane 10:35

Umntu Makangabi Nabuganga Bokuyijika Ibhayibhile

Into yonke endisukuba ndiniwisele umthetho ngayo, ize nigcine ukuyenza; uze ungòngezi kuyo unganciphisi nto.

—IDuteronomi 12:32

Musa ukongeza emazwini akhe, hleze akohlwaye, ube ngothetha amanga. — ImiZekeliso 30:6

Ukuba ke uthe umntu wasusa kuwo amazwi encwadi yesi siprofeto, uThixo uya kusisusa isabelo sakhe encwadini yobomi —IsiTyhilelo 22:19

Odela ilizwi ubanjwa lilo —ImiZekeliso 13:13

UKUFA KUKA YESU KWALIFEZEKISA ICEBO LIKATHIXO

Ngenxa yoku uBawo uyandithanda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam, ukuze ndibuye ndibuthabathe. Akukho namnye ubuhluthayo kum, ndiyabuncama mna ngokwam; ndinegunya lokubuncama, ndinegunya lokubuya ndibuthabathe....

-UYohane 10:17, 18

Ùba andinako na ngoku ukumbongoza uBawo, andikhuphele imikhosi yezithunywa zezulu engaphezu kweshumi elinamibini? Bezingáthini na ke oko ukuzaliseka izibhalo ezithi, kumele ukuba kube nje? —UMateyu 26:53, 54 Ke uThixo, izinto awazixela ngenxa engaphambili ngomlomo wabo bonke abaprofeti bakhe, zokuba uKristu eve ubunzima, uzizalisile wenjenje. —IZenzo 3:18

Yena lowo, ekhutshwe ngecebo elimisiweyo likaThixo nangokwazi kwakhe kwenxa engaphambili, namthabatha ngezandla zabachasene nomthetho, nambethelela emnqamlezweni, namsika.

-IZenzo 2:23

31

UYehova ke wathanda ukumtyumza nokumvisa isifo. Xa ùthe umphefumlo wakhe wàwenza idini letyala, wóyibona imbewu yakhe.... — UIsaya 53:10

32 UKUFA KUKA YESU KUXELWA NGAMANGQINA

Kwaye kubethelelwe naye eminqamlezweni izihange zizibini, esinye ngasekunene, esinye ngasekhohlo kwakhe. Sazaliseka ke eso sibhalo sithi, Wabalelwa kwabachasene nomthetho.

-UMarko 15:27, 28

Kuthe ke. kuthabathele kwilixa lesithandathu, kwada kwesa kwilixa lesithoba, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba. Uthe ke uYesu, ephinde wadanduluka ngezwi elikhulu, wawukhupha umova wakhe....umhlaba wanyikima, namawa acandeka. Ke kaloku umthetheli khulu, nabo babelinda uYesu naye, bakubona ukunyikima oko, nezo zinto zenzekileyo, boyika kakhulu, besithi, Inyaniso, lo ebenguNyana kaThixo. —UMateyu 27:45, 50-51, 54

Eza ngoko amasoldati, ayaphula okunene imilenze vowokugala. neyomnye obebethelelwe emngamlezweni naye. Kodwa akufika kuYesu, akubona ukuba uselefile. akayaphula imilenze yakhe. Lesuka elinve isoldati lamhlaba ngomkhonto ecaleni; kwaoko kwaphuma igazi namanzi....Kuba zenzeka ezi zinto, ukuze isibhalo sizaliseke esithi. Akuvi kutyunyuzwa thambo lakhe. Kanjalo nesinve isibhalo sithi. Bava kukhangela kulowo bamhlabileyo. —UYohane 19:32-37

UYESU WAKWEYISA UKUFA

Luphi na, kufa, ulwamvila lwakho? Luphi na, Hadesi, uloyiso lwakho? Makubulelwe ke ku-Thixo osinikayo uloyiso olo, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu. —KwabaseKorinte 1 15:55, 57

Ndaye ndifile; yabona, ndingobudlayo ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen. Ndinazo nezitshixo zelabafileyo nezokufa. —IsiTyhielo 1:18

Lwabonakaliswa ke ngoku ngako ukubonakala koMsindisi wethu uYesu Kristu, owakubhangisayo okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali, ngazo iindaba ezilungileyo ezi. —KuTimoti II 1:10

Athe uThixo wamvusa, eyikhulule inimba yokufa; ngokokuba ebengenako ukubanjwa kuko. U-Thixo wamvusa lo Yesu, esingamangqina ako oko thina sonke. —IZenzo 2:24.32

Ekubeni ngoko abantwana abo bengamadlelane naye ngenyama negazi, wathi naye ngokwakhe ngokukwanjalo wabelana nabo ngezo zinto, ukuze ngako ukufa ambhangise lowo unamandla okufa. oko kukuthi. uMtvholi lo: abakhulule ebukhobokeni bonke abo babethe ngalo lonke ixesha lokudla kwabo ubomi bazizisulu zokovika ukufa.

-KumaHebhere 2:14, 15

34 SIFANELE UKWENZA NTONI NGOYESU NA?

Yabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza; ukuba úthe umntu waliva izwi lam, waluvula ucango, ndongena kuye, ndidle naye, naye adle nam. —IsiTyhilelo 3:20

Ke kulowo ùngasebenziyo, ùthi akholwe kuye omgwebelayo lowo ungahloneli Thixo, ukholo lwakhe lubalelwa ebulungiseni.

-KwabaseRoma 4:5

... Yamkelani uMoya oyiNgcwele.... Celani, niya kwamkela, ukuze uvuyo lwenu luzaliseke. —UYohane 20:22; 16:24

Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.

—KwabaseRoma 10:9

Lowo uthanda uyise nokuba ngunina kunam, akandifanele mna.....Wandula wathi uYesu kubafundi bakhe. Ukuba kukho othanda ukundilandela, makazincame ngokwakhe, awuthwale umngamlezo wakhe, andilandele. Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; ke othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam, wowufumana.

-UMateyu 10:37; 16:24, 25

SINOBOMI OBUTSHA NGOYESU

... ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade; baye obo bomi bukuye uNyana wakhe. Lowo unaye uNyana, unabo ubomi....

-KaYohane I 5:11, 12

Ngoko ke, ukuba ubani uku-Kristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.

-KwabaseKorinte II 5:17

Ke uThixo, esisityebi nje ngenceba,... awasithanda ngalo, thina sifile nje ziziphoso, wasidlisa ubomi ndawonye noKristu (nisindiswé ngokubabalwa).

-Kwabase-Efese 2:4, 5

Ndìbethelelwe emnqamlezweni noKristu; ayisendim ke odla ubomi, nguKristu ke oselesidla ubomi kum. Ubomi ke endibudlayo ngoku, ndisenyameni, ndibudlela ekukholweni kuNyana kaThixo, owandithandayo, wazinikela ngenxa yam. —KumaGalati 2:20

Kuba umthetho woMoya wobomi, ndakuba kuKristu Yesu, wandikhulula emthethweni wesono nokufa. —KwabaseRoma 8:2

Nizelwe nje ngokutsha, kungengokwasembewini enokonakala, kungokwasembewini engenakonakala, ngelizwi likaThixo eliphilileyo, elihleliyo ngonaphakade. Ngokweentsana ezisandula ukuzalwa, amasi angawelizwi....

-KaPetros I 1:23; 2:2

35

36 UTHIXO UNGUYISE WABANTU BAKHE

Uyise weenkedama, umthetheleli wabahlolokazi, nguThixo ekhayeni lakhe elingcwele.

-INdumiso 68:5

Kaloku ke, Yehova, unguBawo; siludongwe; unguMbumbi wethu; sisisenzo sesandla sakho, sonke siphela...wena, Yehova, ungu-Bawo, uMkhululi wethu ligama lakho kwasephakadeni.

-UIsaya 64:8; 63:16

... kuthi endaweni yokuba kuthiwe kubo, Aningabantu bam, kusuke kuthiwe kubo, Ningoonyana bakaThixo ophilileyo.

-UHoseya 1:10

Ukuba ngoko nina, nikhohlake-

le nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na yena uYihlo osemazulwini ukugqithisela ngokubapha okulungileyo abo bamcelayo? Thandazani ngoko nina nenjenje: Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe igama lakho. —UMateyu 7:11; 6:9

... Ndandiya kunamkela, Ndibe nguyihlo, nina nibe ngoonyana neentombi kum; Itsho iNkosi u-Somandla.

-KwabaseKorinte II 6:17, 18

Kuba bonke abakhokelwa ngu-Moya kaThixo, bangoonyana bakaThixo abo. —KwabaseRoma 8:14

NGOYESU SIYAMAZI UTHIXO NJENGO BAWO 37

ngumkhonzi, ungunyana; ukuba ke ungunyana, ukwayindlalifa ka-Thixo ngoKristu. Kuba nina nonke ningoonyana bakaThixo ngako ukukholwa, nikuKristu Yesu. —KumaGalati 4:4-7; 3:26

Ke bonke abamamkeláyo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe.

-UYohane 1:12

.... Ukuba kukho othe wona, sinoMthetheleli kuye uYise, uYesu Kristu ilungisa. —KaYohane I 2:1

Ngokuba kungaye ukungeniswa kwethu sobabini, siMoya mnye kuye uYise.

-Kwabase-Efese 2:18

Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam. Ukuba benindazile mna, ninge nimazile noBawo; ngoku ke niyamazi, nimbonile nokumbona. ... Ukuba umntu uyandithanda, woligcina ilizwi lam; wothi uBawo amthande, size kuye, sihlale naye. —UYohane 14:6, 7, 23

Lithe ke lakuzaliseka ixesha, u-Thixo wamkhupha weza uNyana wakhe... ukuze sikuzuze ukwenziwa oonyana. Ngokuba ke ningoonyana, uThixo wamkhupha uMoya woNyana wakhe, weza ezintliziyweni zenu, edanduluka esithi, Abha, Bawo. Ngoko ke àkuse-

38 UYESU UNIKA UTHANDO, UVUYO, UXOLO

Lowo ungenaluthando akazanga amazi uThixo, ngokuba u-Thixo uluthando...lowo uhleli eluthandweni uhleli kuye uThixo, noThixo uhleli kuye.

-KaYohane I 4:8, 16

Ke nina yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane kakhulu, nixolelane, njengokuba naye u-Thixo wanixolelayo ekuKristu.

-Kwabase-Efese 4:32

Ngayo le nto baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana. —UYohane 13:35

Ke sona esoMoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo....

—KumaGalati 5:22

Mna ke ndiya kudlamka ndiku-Yehova, ndigcobe ndikuThixo umsindisi wam. —UHabhakuki 3:18

Ùya kundazisa umendo wobomi; ebusweni bakho yinzaliseko yemivuyo; ekunene kwakho yimihlali ngonaphakade.

-INdumiso 16:11

Ngoko, sígwetyelwe nje ngokwaselukholweni, sinoxolo kuThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu. —KwabaseRoma 5:1

Ndishiya uxolo kuni; ndininika uxolo lwam; andininiki njengokunika kwehlabathi. Mayingakha thazeki intliziyo yenu, mayingabi nabugwala. —UYohane 14:27

UYESU UYAKUBAVUSA EKUFENI ABALANDELI 39 BAKHE BENENE

Ukuba ke uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uya kuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.

—KwabaseRoma 8:11

UThixo ke wayivusa iNkosi leyo; uya kusivusa nathi ngamandla akhe. —KwabaseKorinte I 6:14

Kuko ke oku ukuthanda kowandithumayo, ukuthi babe nobomi obungunaphakade bonke abambonayo uNyana, bakholwe kuye; ndandiya kubavusa mna ngomhla wokugqibela. —UYohane 6:40 Wathi uYesu kuye, Ndim uvuko, ndim ubomi; lowo ukholwayo kum, nokuba ubethé wafa, wodla ubomi. —UYohane 11:25

Kuba ekubeni kaloku kungomntu ukufa, kukwangomntu ukuvuka kwabafileyo. Kuba, njengokuba kuye uAdam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu baya kudliswa ubomi bonke: elowo ke kolwakhe uluhlu; intlahlela inguKristu, kamva abakaKristu ekufikeni kwakhe.

-KwabaseKorinte I 15:21-23

... ngokuba ndisidla ubomi mna, nani niya kudla ubomi.

-UYohane 14:19

MUSA UKULUTYESHELA USINDISO OLUKHULU KANGAKA

Umntu obegiba okaMoses umthetho, ubebulawa kungekho tarhu, ngezwi lamangqina amabini, nokuba mathathu. Niba wobeka phi na ke ukufanelwa kukubethwa okubi ngakumbi. lo umnyathelele phantsi uNyana kaThixo, walibalela ekuthini liyingambi igazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, wamgxeka uMoya wobabalo? -KumaHebhere 10:28.29

Lowo undigibayo, angawamkeli amazwi am, unaye omgwebayo; ilizwi endilithethileyo, lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela. —UYohane 12:48 Ndatsho ngoko kuni ukuthi, Niya kufela ezonweni zenu; kuba ekubeni nithe anakholwa ukuba ndinguye, niya kufela ezonweni zenu. —UYohane 8:24

Ndithi ke kuni, zihlobo zam, Musani ukuboyika abo babulala umzimba, baze emva koko bangabi nanto yimbi bangayenzayo. Ndiya kunibonisa ke énomoyika; yoyikani lowo uthi emva kokubulala, abe negunya lokuphosa esihogweni. Ewe, ndithi kuni, Yoyikani yena lowo. —ULuka 12:4, 5

Sothini na thina ukusínda, sakuba siluhilizele usindiso olungakanana.... —KumaHebhere 2:3

UYESU KRISTU UZAKUSIGWEBA

Ngokokuba emise umhla, aza kuligweba ngawo elimiweyo ngobulungisa, ngendoda awayimisayo.... – IZenzo 17:31

Kuba kananjalo uYise akagwebi namnye; uthe umgwebo wonke wawunikela kuNyana; ukuze bonke bambeke uNyana, kwanjengoko bambekayo uYise...

-UYohane 5:22, 23

Kuba thina aba sonke simelwe kukuthi sibonakalaliswe phambi kwesihlalo sokugweba sikaKristu, ukuze elowo azuziswe okwenziwe ngomzimba, ngoko akwenzileyo, nokuba kokulungileyo, nokuba kokubi.

-KwabaseKorinte II 5:10

Kuya kuba njalo mhlenikweni uThixo aya kuzigweba izinto ezifihlakeleyo zabantu, ngokweendaba zam ezilungileyo ngoYesu Kristu. —KwabaseRoma 2:16

... ekutyhilekeni kweNkosi u-Yesu, ivela emazulwini inezithunywa zamandla ayo; inomlilo odangazelayo, ibaphindezela abangamaziyo uThixo, nabangazilulameliyo iindaba ezilungileyo zeNkosi yethu uYesu Kristu.

-KwabaseTesalonika II 1:7,8

Ke zona ezo ntshaba zam zazingathandanga ukuba ndibe ngukumkani phezu kwazo, ziziseni apha, nizincinithe phambi kwam. —ULuka 19:27

42 ASINGABO BONKE ABATHI BALANDELA UYESU ABANGABAKA YESU

Bayavuma ukuba bayamazi u-Thixo; kanti ngayo imisebenzi bayamkhanyela —KuTito 1:16

... Ukuba ke umntu akanaye u-Moya kaKristu, akangowakhe lowo. —KwabaseRoma 8:9

... bahlale phambi kwakho ngokwabantu bam, baweve amazwi akho, bangàwenzi; kuba benza okukhanukwa ngumlomo wabo; intliziyo yabo ilandela inzuzo yabo embi. —UHezekile 33:31

Aba bantu basondela kum ngomlomo wabo, bandibeke ngemilebe yomlomo wabo; kanti intliziyo yabo ikude lee kum.

—UMateyu 15:8

Asingabo bonke abathi kum, Nkosi, Nkosi, abaya kungena ebukumkanini bamazulu; ngokwenzavo ukuthanda kukaBawo osemazulwini. Baninzi abaya kuthi kum ngaloo mini, Nkosi, Nkosi, sasingathe na egameni lakho saprofeta, sathi egameni lakho sakhupha iidemon, sathi egameni lakho senza imisebenzi yamandla emininzi? Ndandule ndibaxelele. ndithi, Andizanga ndinazi; mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho. —UMateyu 7:21-23

ABALANDELI BENENE BAKA YESU BAYAMTHOBELA

Sazi ngale nto ukuba siyamazi, ngokuthi siyigcine imithetho yakhe. —KaYohane I 2:3

Ndofaka uMoya wam ngaphakathi kwenu, ndinenze nihambe ngemimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze.

-UHezekile 36:27

Waza, egqibelele, waba yimbangi yosindiso olungunaphakade kubo bonke abamlulamelayo.

-KumaHebhere 5:9

Nákuba nikhululwe ke kuso isono, nakhonziswa kubo ubulungisa. —KwabaseRoma 6:18

Kuba thina singumsebenzi wa-

khe, sídalelwe kuKristu Yesu, ukuze senze imisebenzi elungileyo, awayilungisayo uThixo ngenxa engaphambili, ukuze sihambe kuyo. —Kwabase-Efese 2:10

Ukuba ke uKristu ungaphakathi kwenu, umzimba okunene ufile ngenxa yesono; kodwa uMoya ububomi ngenxa yobulungisa. Kuba xa niphila ngokwenyama, niza kufa; ke ukuba niyazibulala ngoMoya, zife iintlondi zomzimba, nophila.

—KwabaseRoma 8:10, 13

43

... nóthi, Mabasuke kuko ukungalungisi, bonke abalibizayo igama likaKristu. —KuTimoti II 2:19

44 IHLABATHI LIBATHIYILE ABALANDELI BAKA YESU

Ukuba ihlabathi linithiyile, yazini ukuba lindithiyé kuqala kunani. Ukuba beningabehlabathi, ihlabathi linge likuthanda okwalo; ke ngokuba ningengabehlabathi, ndaninyulayo mna kulo ihlabathi, ngenxa yoko linithiyile ihlabathi. —UYohane 15:18, 19

... ewe, kuza ilixa lokuba bonke abanibulalayo, babe bona bakhonza uThixo. Ezo zinto baya kuzenza kuni, ngokuba bengamazanga uBawo kwanam. —UYohane 16:2, 3

Bonani uthando olungaka asenzele lona uYise, olu lokuba sibizwe ngokuba singabantwana bakaThixo. Ngenxa yoko ihlabathi alisazi thina, ngokuba lingamazanga yena. —KaYohane I 3:1

... besithi, Simelwe kukuphumela ezimbandezelweni ezininzi, ukungena ebukumkanini buka-Thixo. —IZenzo 14:22

Nabo bonke ke abathanda ukuhlala ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu baya kutshutshiswa.

–KuTimoti II 3:12

... Ehlabathini niya kuba nembandezelo; yomelelani, mna ndiloyisile ihlabathi. —UYohane 16:33

Mna ndibaniké ilizwi lakho; laza ihlabathi labathiya, ngokuba bengengabo abehlabathi, njengokuba nam ndingenguye owehlabathi. — UYohane 17:14

IZITHEMBISO KWABATSHUTSHISWAYO 45

Lonke ixhala lenu liphoseni phezu kwakhe, ngokuba yena enikhathalele. —KaPetros I 5:7

Musa ukoyika, kuba ndinawe mna; musa ukubhekabheka, kuba ndinguThixo wakho; ndikukhaliphisile, ewe, ndikuncedile, ndikuxhasile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam.

-UIsaya 41:10

Ngokuba ubawo noma bandishiyile, wesuka uYehova wandichola. —INdumiso 27:10

Ngokokude somelele sithi, I-Nkosi ilusizo lwam, andiyi koyika; Wondenza ntoni na umntu?

—KumaHebhere 13:6 Ukuba niyangcikivwa ngenxa yegama likaKristu, ninoyolo; ngokuba uMoya wozuko nokaThixo uphumle phezu kwenu....

-KaPetros I 4:14

Ngokuba izithunywa zakhe úziwisele umthetho ngawe, ukuba zikugcine ezindleleni zakho zonke. Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyi koyika bubi, ngokuba ùnam wena....

-IiNdumiso 91:11; 23:4

Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu. Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko oluku-Kristu Yesu.

-KwabaseFilipi 4:13, 19

46 ULOYISO PHEZU KWESONO NOSATHANA

Anibanjwanga silingo singesesabantu. Uthembekile ke uThixo, ongayi kuvumela ukuba nilingwe ngaphezu kweninako; owothi, kunye nesilingo eso, avelise ithuba lokuphuma kuso, ukuba nibe nako ukuthwala.

-KwabaseKorinte I 10:13

Masisondlele ke ngoko sinokungafihlisi kuyo itrone yobabalo, ukuze samkeliswe inceba, sifumane ubabalo lokusiza ngexesha elililo. —KumaHebhere 4:16

Ke zibaleke iinkanuko zobutsha; phuthuma ke ubulungisa, ukholo, uthando —KuTimoti II 2:22

Ke, ukuba sihamba ekukhanye-

ni, njengokuba yena esekukhanyeni, soba sinobudlelane omnye nomnye, lithi negazi likaYesu Kristu, uNyana wakhe, lisihlambulule kuso sonke isono.

-KaYohane I 1:7

Ngokunjalo nani zibaleleni ekuthini, ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi kuThixo, nikuKristu Yesu, iNkosi yethu. —KwabaseRoma 6:11

Mthobeleni ngoko uThixo. Mchaseni ke uMtyholi, wonibaleka. —EkaYakobi 4:7

Ndiyibeké intetho yakho entliziyweni yam, ukuze ndingoni kuwe. —INdumiso 119:11

UMTHANDAZO WENENE BUBUDLELWANE 47 NOTHIXO

Ukuba nithe nahlala kum, namazwi am ahlala kuni, nocela into enisukuba niyithanda, niyenzelwe. —UYohane 15:7

Intliziyo yam ithi kuwe, kweli ùthi, Funani ubuso bam, Ubuso bakho, Yehova, ndiya kubufuna. —INdumiso 27:8

Kholosani ngaye ngamaxesha onke, nina bantu; phalazani intliziyo yenu phambi kwakhe. UThixo ulihlathi kuthi.

-INdumiso 62:8

Ndíphilise, Yehova, ndiphile; ndísindise, ndisinde; ngokuba indumiso yam nguwe.

-UYeremiya 17:14

Thandazani ningayeki. Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKristu Yesu ngani.

-KwabaseTesalonika I 5:17, 18

Ukuba ke ubani kuni uswele ubulumko, makacele kuThixo, onika bonke engenakumbi, engangcikivi; wobunikwa.

-EkaYakobi 1:5

Ukuba bendisekeleze ubutshinga ngentliziyo yam, INkosi yam ibingayi kuphulaphula. Ngenxa yegama lakho, Yehova, xolela ubugwenxa bam, ngokuba bukhulu bona. —IiNdumiso 66:18; 25:11

48

UYESU UYEZA-ZILUNGISELELE!

Ngokuba iNkosi ngokwayo iya kuhla emazulwini inendanduluko, inelizwi lesiphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo, baze abafele kuKristu bavuke kuqala; sandule thina babudlayo ubomi, basaseleyo, sixwilelwe emafini kwakunye nabo, sive kuvikhawulela iNkosi esibhakabhakeni: size ngokunjalo sihlale sihleli, sindawonye neNkosi. -KwabaseTesalonika I 4:16, 17

Sínawo nje ngoko la madinga, zintánda, masizihlambulule kuko konke ukudyobheka kwenyama nokomoya sibufeza ubungcwele, sisoyika uThixo.

-KwabaseKorinte II 7:1

Ngoku ke, bantwanana, hlalani kuye, ukuze xa athe wabonakalaliswa, sibe nokungafihlisi, singadani, simbaleke ekufikeni kwakhe. —KaYohane I 2:28

Nyamezelani nani, zizimaseni iintliziyo zenu, ngokuba ukufika kweNkosi kusondele. Musani ukukrokrelana omnye nomnye, bazalwana, ukuze ningagwetywa; yabonani, uMgwebi umi phambi komnyango. —EkaYakobi 5:8,9

Nani ngoko yibani nilungile; ngokuba uNyana woMntu uza ngelixa eningalikhumbuleliyo. —ULuka 12:40

ZALISWA NGUMOYA KATHIXO

Nithe nabuyela ekohlwayeni kwam, niyabona, ndowumpompozisela kuni umoya wam, ndonazisa amazwi am. —ImiZekeliso 1:23

...Guqukani nibhaptizwe nonke ngabanye egameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya oyiNgcwele. —IZenzo 2:38

Kanjalo musani ukunxila yiwayini, ekukhoyo kuloo nto ukuzibhubhisa; manizaliswe nguMoya; nithetha omnye nomnye ngeendumiso, neengoma, nezango ezizezomoya, nivuma, nibetha uhadi entliziyweni yenu kuyo iNkosi, nimana nibulela ngenxa yeento zonke, egameni leNkosi yethu uYesu Kristu, kuye uThixo uYise; nilulamelana ngokoyika uThixo. —Kwabase-Efese 5:18-21

Kuba nguThixo okusebenzayo ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe.

-KwabaseFilipi 2:13

Anazi na ukuba niyitempile ka-Thixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo umi ngaphakathi kwenu? Kuba nathengwa ngexabiso. Mzukiseni ke uThixo ngomzimba wenu nangomoya wenu, izinto ezizezikaThixo ezo.

-KwabaseKorinte I 3:16; 6:20

Published in numerous languages by World Missionary Press, Inc., as God supplies funds in answer to prayer. For questions or more information by country, visit: www.wmp-contacts.org

World Missionary Press PO Box 120 New Paris, IN 46553-0120 USA www.wmpress.org



Read booklets online or by App www.wmp-readonline.org

1543 Xhosa HKG

4-24